



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2017

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2½ iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali –21.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda imiyalelo ngobunono phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Sebenzisa itheyibhule yeziquletho kwiphepha elilandelayo uze uphawule iinombolo zemibuzo onqwenela ukuyikhetha. Emva koko funda le mibuzo uyiphawuleyo ukhethe le unqwenela ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamacandelo amaTHATHU:

ICANDELO A:	Isihobe	(30)
ICANDELO B:	Inoveli noNcwadi Lwemveli	(25)
ICANDELO C:	Idrama	(25)

4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke, emiTHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngolu hlobo:

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIBONGO EFUNDISWE EKLASINI: Phendula imibuzo emiBINI

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Umbuzo ONYANZELEKILEYO

ICANDELO B: INOVELI NONCWADI LWEMVELI

Phendula umbuzo ube MNYE.

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo ube mNYE.

5. UKUKHETHWA KWEEMPENDULO NGOKWAMACANDELO B (INOVELI NONCWADI LWEMVELI) NO C (IDRAMA)

- Phendula KUPHELA imibuzo esetwe kwinoveli noNcwadi Lwemveli okanye idrama.
- Phendula UMBUZO OSISINCOKO OMNYE kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Xa umviwa ephendula umbuzo osisincoko soncwadi KWICANDELO B, uya kuphendula umbuzo omfutshane KWICANDELO C. Xa umviwa ephendule umbuzo omfutshane KWICANDELO B, uya kuphendula umbuzo osisincoko soncwadi KWICANDELO C. Sebenzisa itshekhisiti yokuncedisa.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Impendulo yombuzo osisincoko sesiHobe mayibe phakathi kwamagama ali-140–190.
- Iimpindulo zombuzo osisincoko soncwadi kwicandelo B no C mazibe phakathi kwamagama angama 290–340.
- Ubude beempendulo kwimibuzo emifutshane buya kulawulwa ngamanqaku. Abaviwa mabasebenzele ukuba iimpindulo zingqale zibe semxholweni.

7. Landela imiyalelo esekuqaleni kwecandelo ngalinye ngononophelo.
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kweli phepha lemibuzo.
9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
10. Iingcebiso malunga nokulawula ixesha:

ICANDELO A: malunga nama-40 emizuzu
ICANDELO B: malunga nama-55 emizuzu
ICANDELO C: malunga nama-55 emizuzu
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: ISIHOBE

Imibongo efundisiweyo: **Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.**

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	Ugodukile uNjingalwazi Zithobile Sunshine Qangule	Umbuzo osisincoko soncwadi	10	5
2.	Intyatyambo	Umbuzo omfutshane	10	6
3.	Ookhoko bethu	Umbuzo omfutshane	10	7
4.	Ugodukile uNtsikana	Umbuzo omfutshane	10	8
KUNYE				
Umbongo ongafundiswanga. Kunyanzelekile ukuba uwuphendule.				
5.	Ubomi ngumzamo	Umbuzo omfutshane	10	9

ICANDELO B: INOVELI noNCWADI LWEMVELI**QAPHELA:**

- **Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO OKANYE OMNYE OMFUTSHANE.**
- **Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.**

Phendula umbuzo omNYE*

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
6.	Ngenxa Yesithembiso	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	10
7.	Ngenxa Yesithembiso	Umbuzo omfutshane	25	11
8.	Umthombo wobom	Umbuzo osisincoko soncwadi.	25	13
9.	Umthombo wobom	Umbuzo omfutshane	25	14

ICANDELO C: IDRAMA**Phendula umbuzo omNYE.**

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
10.	Nathi singabantu	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	15
11.	Nathi singabantu	Umbuzo omfutshane	25	16

QAPHELA:

- **KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.**
- **Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko okanye imibuzo EMIBINI EMIFUTSHANE.**

ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)

Kunyanzelekile ukuba ujongisise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

ICANDELO		AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A	Isihobe (Imibongo emiselweyo)	1–4	2	
	Isihobe (Umbongo ongafundiswanga)	5	1	
B	Inoveli noNcwadi lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane)	6–9	1	
C	Idrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane)	10–11	1	

ICANDELO A: ISIHOBE**ISINGQI SENKULUNGWANE: PM QANGULE, MG MDLIVA****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo emiNE efundisiweyo nomNYE ongafundiswanga.
- Umviwa kulindeleke ukuba aphenhule imibuzo ebuzwe kuyo nayiphi na imibongo okanye naziphi izibongo ezifundisiweyo eklasini, kunye nombuzo omNYE ongafundiswanga eklasini.

QAPHELA: Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba uphendule imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko buphakathi kwe-140–190 amagama.

IMIBONGO EFUNDISIWEYO**UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi uze uphendule umbuzo olandelayo.

Bonisa indlela imifanekiso ntelekelelo ekulo mbongo elutyhila ngayo uvakalelo lwesizwe ngokusweleka kukaNjingalwazi Qangule.

[10]**Ugodukile uNjingalwazi Zithobile Sunshine Qangule- PM Qangule.**

- 1 Wa-a-a-a! Nokholeji!
- 2 Sisingqala sani na esi kwiziko lemfundo?
- 3 Wena Tyhume zezani na ezi ngxangxasi?
- 4 Wena mlamb' iQonce yeyani na le mijelo?
- 5 Imijelo eshiya zikhedamil' iingcinga,
- 6 Tyhini! Nank' uSomgxad' entywil' enkungwini.
- 7 Gqumashe yeyani na le nkungu kule nkumba?,
- 8 Ingqukruleka nje imiNgcangathelo.
- 9 Baphin' abendlu kaRharhabe kwaTyhali?
- 10 USuthu noNgqika bazibambe ngeenkophe kuqaqaqa,
- 11 Seyiman' ikhanyw' iinyembezi' ikholeji yintaba kaNdoda,
- 12 Phantsi kwaloo ntaba liqongqolozil' igongqongqo.
- 13 Wena njingalwazi uKriel beth' ucingo,
- 14 UMkhonto akathumeke akathuthuzeleki.
- 15 UMdaka utsh' esimantshiyane isijwili,
- 16 KuSirayi kulichibi ngugwanyi-gwanyi.
- 17 Umhobe wekholeji ubindiwe umi nemamalatile,
- 18 Unjingalwazi uPahl' uyafixiza fixi.

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

INTYATYAMBO – M.G. Mdliva

- 1 Izimisile phakathi kweengxondorha,
- 2 Itsitsitheka kunzim'ubomi.
- 3 Inxanel'ufazana kwanombethe wobomi,
- 4 Ishixiza phakathi kwezo ngxondorha.
- 5 limbodlela zizondelel'ukuyikhweba,
- 6 Iziyobisi ziyatshila njengepikoko.
- 7 Kunqaba ootata kuxhaphak'iipikoko,
- 8 **Kufuduk'ubuntu** izirhovu ziyakhweba.
- 9 Njengelang'ithemba lithe thaa,
- 10 Lizifumbeth'izikhokelo zobomi.
- 11 Luyikhwebela kwingqungquthela yobomi,
- 12 Ibonwabel'obo buvunduvundu bomhlaba.
- 13 Ikhuliswa zezo zinongo zomhlaba,
- 14 Lithemba lay'okokufudumala komhlaba.

- 2.1 Nika intsingiselo yentyatyambo ngokwalo mbongo. (1)
- 2.2 Chonga isafobe kumqolo wesi-6 uze uxele udidi lwaso. (2)
- 2.3 Tyhila umfanekiso ntelekelelo ozotywa libinzana elibhalwe ngqindilili. (2)
- 2.4 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 2.5 Nika umyalezo wembongi ngalo mbongo. (2)

[10]

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Fundisisa esi sicutshulwa sombongo singezantsi uze uphendule imibuzo.

OOKHOKO BETHU – M.G. Mdliva

- 1 Yindyabo kwabanxanelwe iintsikelelo,
- 2 Bubomi kwabachophel'impumelelo.
- 3 Bubusi kwabazingel'incindi yamava,
- 4 Sisivundiso samava ubulumko kwelemilowa.
- 5 Ngamanzi azolileyo kwimithombo yeengwevu,
- 6 Ziintsikelelo ngamathamsanqa kwizizukulwana.

- 7 Yigolide ezinze kwimigodi enqabileyo,
- 8 Yisilivere ekhazimla kwabo bashiyiweyo.
- 9 **Luthango lwamasiko** nezithethe kwimveli,
- 10 Linqugwala lokuthombisa izihombo zemveli.
- 11 Libhotwe lokwembesa abokhuko ngobulumko,
- 12 Sisiqholo sokuqhola abomthonyama ngobulawu.

- 3.1 Nika intsingiselo yookhoko ngokwalo mbongo. (1)
- 3.2 Chonga isafobe kumqolo wesi-5 uze uxele udidi lwaso. (2)
- 3.3 Tyhila umfanekiso ntelekelelo ozotywa libinzana elibhalwe ngqindilili. (2)
- 3.4 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 3.5 Nika umyalezo wembongi ngalo mbongo. (2)

[10]

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Fundisisa esi sicutshulwa sombongo singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Ugodukile uNtsikana – MG Mdliva		
1	Inqaba yamanyange asenyangweni,	1
2	Tyhini! Sihl'isizalo semaz'emnyama.	
3	Semaz'esifukamel'umprofeti,	
4	Ingganga-ngqanga engqiyame ngedun'uHulushe.	2
5	UHulushe oompondo zizingcangula,	
6	Iqegu lokutshawuza ngemihla yemibono.	
7	Kwinkundla yemibono neziprofitesho,	
8	UHulushe kaNtsikana ncakasana.	
9	Ityhagi kaGabha, uNonabe noNoyiki,	
10	Intw'eyoluka ngokomoya nangokwenyama.	3
11	NguNyengan'ikhankatha lolwaluko lomoya,	
12	Yintw'eyahlamb'ingqondo ngemfundo.	
13	Ukuz'amehlo ahlanjw`inkwethu,	
14	Inggondo igquthw`izigqwadi.	
15	Yinzala yephakathi kwaRharhabe,	
16	Yingcungcu yengcungela kulwimi	
17	Ngumqambi wezandi zezulu,	4
18	Ngumsimbithi wokusimelel' izigidimi.	
19	Ngumthunywa othanjiswe ngamanyange,	
20	Ngesinyithi sokuchumisa okwezulu.	

- 4.1 Lisingisele entwenini igama "uHulushe" kwisitanza sesi-2 salo mbongo? (1)
- 4.2 Chonga isafobe kumqolo wesi-6 uze uxele udidi lwaso. (2)
- 4.3 Tyhila umfanekiso ntelekelelo ozotywa libinzana elibhalwe ngqindilili. (2)
- 4.4 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 4.5 Nika umyalezo wembongi ngalo mbongo. (2)

[10]

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE.**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Fundisisa esi sicutshulwa sombongo singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

UBOMI NGUMZAMO: LS NGCANGATHA

- 1 Nabani na osesizikithini somsinga
- 2 Nokuba sel'edudulwa zizikhukula,
- 3 Makanyamezel'umvambo angadinwa kukulinga,
- 4 De simtyekez'isatyhantya semvula.
- 5 Umnt'onkantsazayo enyuk'eqhineni,
- 6 Makazimisel'ukufikelela kuyo incopho.
- 7 Yen'olibala kukubambelel'esinqeni
- 8 Utyhafa msinya budimal'ubuchopho.
- 9 Mna ndohlala ndizingisa njalo,
- 10 Nangon'abasencochoyini bendiqengqel'amatyane,
- 11 Bengafun'ukuba ndifika kuloo nkalo.
- 12 Intlantsi yethemba ayinakucima okwedangatyane,
- 13 Elilephuza kumlilo weziko elifumileyo.
- 14 Ndozabalaza ndide ndibe ngophumeleleyo

[Ithatyathwe ku-*Ukuphuma kwelanga*; NguL.S Ngcangatha]

- 5.1 Ibhekisa kubani imbongi kumqolo woku-1 ukuya kutsho kowe-6? (1)
- 5.2 Ingaba le sonethi yeyamaTaliyane okanye yeyamaNgesi? Xhasa impendulo yakho ngokuyiseka kwimvano-siphelo esetyenzisiwe kuwo. (3)
- 5.3 Xela isilumkiso esinikwa abantu abalibala kukubambelela esinqeni ngulo mbongo. (2)
- 5.4 Chonga isafobe kumqolo we-12 uze uxele udidi lwaso. (2)
- 5.5 Inanjongo ni imbongi ngalo mbongo? (2)

[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI NONCWADI LWEMVELI**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe inoveli noNcwadi Lwemveli.
- Kwincwadi nganye kwicandelo B ubuzwe imibuzo emiBINI, UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-9.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.
- QAPHELA: Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwicandelo B; kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama). Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli noncwadi lwemveli), kunyanzelekile ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).
- Ubude beempendulo zemibuzo esisincoko soncwadi bungama-290–340 amagama.

UMBUZO 6 (UMBUZO OMDE)**NGENXA YESITHEMBISO – M. NKOHLA**

UDumile Jojo (DJ) ubonakalise, ubugorha, bokulusiphula neengcambu ulwaphulo mthetho kule noveli. Ngqina olu luvo ngalo mlinganiswa uqamele ngeziganeko ezikule noveli.

[25]

UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**NGENXA YESITHEMBISO: M. NKOHLA**

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

“Sibona ukuba...” kwangenelela uNdaba elibetha emlonyeni eli xhego. “Wena DJ uza kuba yeyona ntsika iluqilima kolu manyano lwethu silucebayo”. Endaweni yokuphendula ndasuka ndahobolozela enye iglasi yebhiya ndicimele. Enyanisweni le ncoko ayizange ithi ngco entliziyweni kum kungengakuba ndinekratshi lokuzibona njengamlungu odlekayo kwathini. Ndaziva ndingenakuzimanya nelo hlokondiba nezicwangciso zalo ngokubanzi ngenxa yezizathu ezathi zathontelana kumagumbi eengcamango zam ngethutyana elifutshane endikholwa ukuba babenamagugu amakhulu okundizuzwa. Okokuqala la mapolisa azibhuda izingqi ngokuyithethela eziko. Ukanti ngokwemigqaliselo yayiyeyakwamkhozi. Okwesibini la mapolisa abonakalisa ukungazithembi emsebenzini wawo. Kaloku ngokutsho kwawo inyathelo elibalulekileyo lokuqala yayikukuba siye kwigqirha lesipili ukuze siwuqonde zisuka umhlola. Yinto ke leyo endiyichase egazini nasebomini. Okwesithathu esi sixhenxe ndasibona ngathi sikhangelana ngeliso elinye sikholose ngelithi umanyano, amandla salibala kambe ukuba ikwakho nentetho ethi ‘uninzi luyabubona ubudenge’. Okwesine umthetho wawugxininisile ukuba kufuneka indoda enye ezivayo.

Ndathi ndakungxengxeza ndivakalisa ukungazimanyi kwam nabo ndazibona zisiwa iimbuso. Ukuphoxeka kwakubhalwe emehlweni abo. Ndazikhusela ngelithi ndoyikela impilo yam njengoko ndicetyisiwe njalo ngugqirha ukuba ndikhe ndithi xha okomzuzwana. Ndandixoka. Ndaqwela ngelithi ndikwanazo neengcamango zokurhoxa kwinkonzo yobupolisa. Ndathi ndakujonga ixesha ndafumanisa ukuba le ncoko ithabathe phantse iiyure ezimbini nesiqingatha. Ngoku yayilicala emva kwentsimbi yesihlanu. Ndanyanzeleka ukuba ndihambise inxalenye yoogxa bam ngokwezindlu zabo njengoko ndandingomnye owayeze ngemoto.

- 7.1 Chaza unobangela wale ndibano. (2)
- 7.2 Phawula ngentetha ethi, “sibona ukuba ...” (2)
- 7.3 Ngqina ngezizathu eziBINI ukuba ikho impixano yangaphandle ebonakala kwesi sicutshulwa. (2)
- 7.4 Nika intsingiselo yesi saci, “yayiyeyakwamkhozi” ngokwale noveli. (1)
- 7.5 Xela isizathu awasibeka njengonobangela wokungazimanyi neli qela lamapolisa kolu uphando uDJ. (2)
- 7.6 Sithathwe kuliphi inqanaba lesakhiwo sale noveli esi sicutshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

[12]

ISICATSHULWA B

Kusemva kweentsuku ezintathu uNontsasa ethe shwaka engalubeki egumbini lam wade wanditsalela umnxeba.

“Ngumcuphi uJojo osabelayo ndingakunceda?”

“NguSasa kweli cala ndiyathemba akundiphoxanga.”

“Sisiyatha sodwa esinokuphoxa inzwakazi efana nawe.”

“Ndilindele apho sendifikile ndinebhaso elingummangaliso lakho,” watsho ngelimityibilizi ilizwi. “Ndiyakholwa uza kulonwabela.” Waxhoma umnxeba.

Ngeli tyeli ndizixelele ukuba naye ufikile apho ebesiya yena ndandingazukumthumela. Wayefana nqwa nosele esesiseleni.

Lo gama ndandilindele ukungena kwentakazana endlwini ndazilibazisa ngokungena egumbini lokuhlambela ukuzipholisa ngelizihlaziyayo emva kwaloo mini laligqatse ngalo ubhobhoyi. Ndandisemanzini njalo xa kwakunkqonkqozwa emnyango.

Ngokuqinisekileyo yayinguNontsasa landixelela oko uthuku lam. Ndabhinqa nje itawuli ndaxhashela ukuya kuvula xa ngesaquphe ndisemgama malunga namanyathelo amane kuse kwamahlanu ukuba ndifike elucangweni satsho isithongakazi esimandlakazi sogqabhuko-dubulo. Satsho kwavaleka iindlebe, salukhaka ucango ngephanyazo. Ndothuka ndade ndaya kuthi folokohlo ngomhlana ndibetheka ngenqentsu phantsi sendiqaphele ukuba sivela kulowo wayenkqonkqoza. Ndathi khwaphululu amadolo esamana ukubethana ndinoloyiko lwempinda ndaya kukroba. Nanko umzimba kankosazana Sasa Ngwevu uthe natya ulidlakadlaka lesidumbu esiluhlaza. Ngethamsanqa kwakungekho mntu wumbi ephasejini ukungena kwakhe yamdlainja umniniyo. Oonogada behotele bawuthatha loo mzimba ngeliwugqithisela emapoliseni awayesele ephithizela apho.

“Ndinebhaso lakho.” Ankenteza loo mazwi kwiindlebe zam. Ndandiza kuba lixhoba, isikhuni sibuye nomkhwezeli.

- 7.7 Udityaniswa yintoni uDumile noNontsasa? (2)
- 7.8 “NguSasa kweli cala ndiyathemba akundiphoxanga.”
Yintoni le afuna ukuba abe akaphoxwanga ngayo uNontsasa nguDumile? (2)
- 7.9 “Ngeli tyeli ndizixelele ukuba naye ufikile apho ebesiya ...”
Chaza isiganeko esikhokelele ekubeni uDJ athethe la mazwi. (2)
- 7.10 Xela ibe miBINI imiba yesimo sentlalo evezwa kwesi sicutshulwa. (2)
- 7.11 Ludidi luni lozobo olusetyenziswe ukuzoba uNontsasa kwesi sicutshulwa?
Xhasa impendulo yakho. (3)
- 7.12 “...ndinebhaso elingummangaliso lakho,” watsho ngelimityibilizi ilizwi.
“Ndiyakholwa uza kulonwabela”
Tyhila isigqebeliso esikula mazwi kaNontsasa ngokwale noveli. (2)
- 7.13 Nika uphawu lomlinganiswa ongumphandi olukwesi sicutshulwa. (2)

[13]**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

UNCWADI LWEMVELI**UMTHOMBO WOBOM – N.Mdekazi noT. Kabanyane****UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

Xoxa ngeendlela zokuzoba abalinganiswa ezisetyenziswa ngokufanayo kwiintsomi nakwizibongo zemveli usebenzisa intsomi ethi uDyakalashe nengonyama kunye nombongo othi uMadiba Omde.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-290–340 (1½–2 amaphepha).

[25]**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda izicatshulwa zoncwadi lwemveli ezingezantsi uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA A: INTSOMI**UDYAKALASHE NENGONYAMA**

Kwahlala, kwahlala ngantsomi! ... “Kwakukho uDyakalashe nengonyama. Ngenye imini ingonyama yaxelela uDyakalashe ukuba ifuna umntu wokugcina abantwana bayo. UDyakalashe wathi angavuya nokuba unganikwa yena lo msebenzi. Yavuya kakhulu ingonyama ukuyiva loo nto yaza ke yamqesha uDyakalashe. Le ngonyama yayinabantwana abahlanu. Okunene waqalisa uDyakalashe ngosuku olulandelayo. Ngokwezigqibo umsebenzi kaDyakalashe yayiza kuba kukuhlala nabantwana abajonge bangaphumi phandle bodwa, abatyiye ngexesha lokutya, abalalise ngamaxesha afanelekileyo, kuze ke kuthi xa ingonyama ibuya ekuzingeleni ngorhatya abazise ibabone, athathe nokutya kwangengomso eze nako.”

Uqhube kakuhle kakhulu uDyakalashe emsebenzini wakhe. Qho xa ifika ingonyama ngorhatya ubeyiququzelela ngobubelekazi obukhulu. Ingonyama ibithi yakuba iphumle umzuzwana, yabuza-buza nangabantwana, ithi kuDyakalashe makeze nabo ibabone. uDyaki wayekwenza oku ngothakazelelo olukhulu, kodwa isimanga yayikukuba abantwana wayesiza nabo nganye nganye. Ubezisa lo athi akugqitywa ukubonwa aye kumbeka, eze nolandelayo, de babonwe bonke. Nengonyama ayizange ibe namgqalisela wanto ngale ndawo kuba ke eneneni yayibuya idinwe kakhulu kukuzingela nokusukela la maxhoba yayimana isiza nawo, kwaye ke le nto yayiyeyona yayinika ithuba elaneleyo lokuzanelisa kumntwana ngamnye.

Kwathi kanti ngokwenza ngolu hlobo uDyakalashe uyayazi into ayenzayo. Kwathi kanti ekuthatheni kwakhe lo msebenzi wayeneenjongo ezimbi zokunqwenela ithuba lokutya ezo ntsizana zingabantwana bengonyama. Ithe ke yakuqheleka le nto yokungeniswa kwabantwana nganye nganye, waqala uDyakalashe ukungena kubo

9.1 Xela isidingo esekwe phezu kwaso le ntsomi. (2)

9.2 “Ingonyama yaxelela uDyakalashe ukuba ifuna umntu wokugcina abantwana bayo.

Xela isafobe esisetyenziswe kwesi sivakalisi singentla. (1)

- 9.3 Chaza uphawu aziwa ngalo umlinganiswa ngamnye ophambili kwesi sibini sale ntsomi. (2)
- 9.4 Cacisa indlela isenzo sikaDyakalashé kule ntsomi esilufuthele ngayo ulwimi lwesiXhosa. (2)
- 9.5 Tyhila isigqebelo esikwesi sivumelwano sikaDyakalashé noNgonyama. (2)
- 9.6 "... wayeneenjongo ezimbi zokunqwenela ithuba lokutya ezo ntsizana zingabantwana bengonyama."
Bhala isaci esakhiwe ngegama (ingcuka) esitolika esi senzo sityhilwa ziingcinga zikaDyakalashé ngabantwana bengonyama. (1)
- 9.7 Khetha kwizibiyeli indlela echanekileyo esetyenziselwe ukusikrobisa kwisiganeko esiseza kuhla ngokwesi sivakalisi siku 9.6 ngentla.
(Isikrokro/ ukuthiwa ntlo kwiingcinga zotshaba/ ukubethelwa komlinganiswa) (1)
- 9.8 Lithetha ukuthini ibinzana elithi, "...wangena kubo" ngokwesi sicutshulwa? (2)
- 9.9 Ucinga ukuba iintsomi zisenendawo kwintlalo kaNtu kule mihla? Xhasa uluvo lwakho. (2)
- [15]**

ISICATSHULWA B

UMadiba Omde – M.S. Mlandu

- 1 Mthi oqinileyo ngumnquma:
- 2 Wancanywa ngamaqhwa esiqithini;
- 3 Wankqonkqa ilitye lekalika esiqithini.
- 4 Linjalo kanye ikhambi elikhandwe kumzabalazo,
- 5 Unjalo nomntu osele amanzi oMthatha.
- 6 Thole leduna siyakhahlela!
- 7 Ntliziyo eyafukama isifungo,
- 8 Incama ukunqunqelwa egoqweni:
- 9 "Ukuba le nto ithi mandiphulukane
- 10 Nomphefumlo wam, oko ndikulungele"
- 11 Tshotsh'uzalwe silondini sikamhlola!

- 9.10 Caphula ibinzana elisetyenziswe ngenjongo yokuthutha lo ubongwayo. (1)
- 9.11 Zimfanisa nantoni eziMBINI obongwayo izikweko esikwesi sicutshulwa sombongo. (2)
- 9.12 Chaza iindidi zophindaphindo zibe mbini ezisetyenziswe kwimiqolo 2 ukuya kowesi-3. (2)
- 9.13 Tolika umqolo we-11. (2)
- 9.14 Isibonga nganjongo ni le mbongi esi sibongo? Xhasa impendulo yakho. (3)

AMANQAKU ECANDELO B: 25

ICANDELO C: IDRAMA**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwidrama, ukususela kumbuzo 10 ukuya kumbuzo 11.
- Kwidrama kubuzwe imibuzo emibini OMFUTSHANE nombuzo osiSINCOKO SONCWADI.
- Phendula umbuzo ube mNYE kwidrama.

QAPHELA:

Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B, UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwicandelo C.

Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo omde kwiCANDELO B, UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo omfutshane kwiCANDELO C.

Ubude bombuzo osisincoko soncwadi buphakathi kwama-290 nama-340 amagama.

UMBUSO 10 (UMBUSO OSISINCOKO SONCWADI)**NATHI SINGABANTU – C.S. HOBONGWANA**

UNohenjisi ubonakalise ubugorha ngokusiphula neengcambu ukuphatheka gadalala kwabantu abahlelekileyo kule drama. Ngqina olu luvo ngezenzo zakhe kule drama.

[25]

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zedrama zilandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA C

UNOHENJISI:	O-o, ndiyavuya xa umamele kuba ngathi isiXhosa sinayo indawo yokukubhida. Khawundiphe le nto... .
UNOKWAKHA:	Ndimamele.
UNOHENJISI:	Uyandazi ukuba umthetho wam andingomntu unochuku, kwaye ndiliqabakazi nje loo nto ayithethi ukuba andinangqondo.
UNOKWAKHA:	Ndimamele.
UNOHENJISI:	Uyaqonda phofu ukuba okokuqala undithathele indoda? Ndiza kuthi undithathele kuba okoko ndifikile apha, awukhange ukhe uthethe nokuthetha ukuba siza kwenza njani ngomyeni wethu.
UNOKWAKHA	Hayi mna bendicinga ukuba awusenamdla.
UNOHENJISI	<i>(Ebuncuma)</i> He-e! Ucinga ukuba mna andinazo iimvakalelo? <i>(Bahlekela phantsi bobabini)</i>
UNOHENJISI	Ngoku ufuna ukuthatha unyana wam wokuqala nowokugqibela. Uthini wena Tata kaBaphantsi?
USIKHULU	Into ixhomekeke kuwe, Bhelekazi, kuba nguwe owamthwalayo lo mntwana, kwaye ikwanguwe omkhulisileyo.
UNOHENJISI	Mandikuxelele le nto. Kudala ndakubona ukuba kukho into oyizamayo, ngendlela le ubundenzela ngayo izinto ezintle kwaye nendlela ububatefisa ngayo abantwana bam, ngakumbi uBaphantsi. Ndiyakunika lo mntwana, kuba umnqweno wam kukuba afunde kodwa angawalahli amasiko nezithethe zakhe, kuba ngumntwana wabaphantsi lo, asinguye owam. Mna ndimbolekwe zizinyanya zasemaGebeni. Yiyo loo nto ke ndinethemba lokuba uza kumthumela apha kum kwiiholide zesikolo.
UNOKWAKHA	<i>(Ngemincili)</i> Owu! Andisavuyi nje! Kukho enye into ebendicela uyenze.
UNOHENJISI:	<i>(Budikwa)</i> Yintoni leyo ngoku?
UNOKWAKHA:	Bendifuna utyikitye amanye amaphepha aza kundenzela ukuba kube lula ukuba ndibe nelungelo lokuba ngumzali eli xeshana.

- 11.1 Iqhubeka phe le ngxoxo ikwisicatshulwa? (1)
- 11.2 Chaza ngeengongoma eziNTATHU igalelo likaSikhulu kwimingeni ahlangene nayo uNkosunaye kule drama. (3)
- 11.3 Uzotywe njengomlinganiswa onjani uNohenjisi kwesi sicutshulwa? (2)
- 11.4 Saba yintoni isiphelo sikaBaphantsi kule drama? (2)
- 11.5 Xela zibe mbini iimpawu zedrama ezikwesi sicutshulwa. (2)
- 11.6 UNokwakha usetyenziswe njengomelo lwantoni kule drama? (1)
- 11.7 Buchule buni obasetyenziswa nguNohenjisi ukuzikhupha kulo mgibe wokunikisa ngomntwana wakhe? (2)
- [13]**

ISICATSHULWA B

USIKHULU	Madoda ndinomsebenzi.
UMZINGISI:	Yitsho mhlekazi.
UNTSOKOLO:	Usalindele ntoni?
USIKHULU :	<i>Ebajonga bobabini</i>) Ndifuna nimamele, kwaye nimamelisise kakuhle kuba le nto nizakuyenza ikukufa nokuphila apha kum. Isikhundla sam sixhomekeke kuyo. Xa kuphela owam umsebenzi, uyaphela nowenu. Andifuni nemibuzo malunga nale nto niza kuyenza, siyevana. (<i>Bayanqwala bobabini</i>)
USIKHULU	Mzingisi, kulo Lwesihlanu ulandelayo ndiza kwenza itheko phaya endlwini yam. Ngeli xesha ndihleli nabantu, ndiza kukhupha itshefu elimhlophe epokothweni yam ndisule ubuso ngayo. Xa ndisenza loo nto, wena uza kungena kwelaa gumbi kulala kulo umntwana wam ufake le tyhefu kwelinye lamayeza asecaleni kwebhedi yakhe okanye entweni aza kuyitya.
UMZINGISI :	Laa mntu umgcinayo, uNophiwo, uza kube ephi yena?
USIKHULU:	Iyhaa! Xa ndikhupha itshefu ndisula ubuso, uza kube yena eselucingweni ethetha nomnye umntu. Sukuzikhathaza wena ngaye kuba yonke into ndiyicebile.
UMZINGISI :	Kulungile mhlekazi.
USIKHULU:	Kulungile ke xa sivana (<i>Ujonga kuNtsokolo</i>) Uyabona wena, xa uMpilo esalibele kukwenza intetho yakhe ngaphakathi, wena uya kufaka icocaine ebhutini yemoto yakhe. Siyavana?
UNTSOKOLO:	Siyavana.
USIKHULU:	Kulungile ke ndiza kukunika le cocaine. Ngathi ngesichithakala ngoku.
BOBABINI:	Kulungile (<i>ingulowo ekhwela kwimoto yakhe bahambe</i>).
UMZINGISI:	<u>(Ethetha yedwa) He-e! Kudala ndazibona izinto! Le yokuba afune ukubulala umntwana wakhe, nokutsho umntwana ongakwazi ukuzenzela nto! Kazi utheni torho! Umntu oneminwe emithathu kuphela esebenzayo. Iyho! Ikhohlakele le nkosi! Kodwa umsebenzi ngumsebenzi, nowam uyaphela. (Ejonga phezulu) Ndixolele Bawo, asiyontando yam. Kodwa mayenzeke eyakho intando.</u>

- 11.8 Sidityaniswa yintoni esi sithathu? (1)
- 11.9 Xela umsebenzi wamagama abhalwe bukekela kwesi sicutshulwa. (1)
- 11.10 “Xa kuphela owam umsebenzi, uyaphela nowenu. Andifuni nemibuzo malunga nale nto niza kuyenza, siyevana.”
- Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli: Lo ungentla ngumzekelo wolwimi (olucengayo/ oluqweqwedisayo). (1)
- 11.11 Chaza ngeengongoma eziNTATHU indima edlalwe nguSonke kule ngxaki kaNkosunaye. (3)

- 11.12 Ludidi luni lwempixano olutyhilwa yintetho kaMzingisi enomgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 11.13 Izenzo zikaSikhulu zimtyhila njengomlinganiswa onjani? (2)
- 11.14 Ingaba laphumelela icebo likaSikhulu lale mini? Cacisa. (2)
- [12]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80

